URhulumente weNtshona Koloni
NGOWAKHO
UkuHlaliswa koLuntu

HOME WISE



# UNCEDO LWENKXASO YEZINDLU KUMAZIKO







## UNCEDO LWENKXASO YEZINDLU KUMAZIKO

### 1
### OKUFUMANAYO

Ngolu Ncedo lwenkxaso ungakwazi ukufikelela kwindlu erentwayo okanye kwithuba. Lokurenta ngeenjongo zokuthenga. Inkxaso kaRhulumente iyabonelelwa kumaziko ezindlu ukuze akhe kwaye alawule nokuhlawulwa kwerente yezindlu. Ngako oko uhlawula isixa-mali esithotyiweyo serente, kwiZiko leZindlu oko kuxhomekeka kumvuzo wekhaya lakho

### 2
### OKUDINGAYO UKUZE UFANELEKE

Ulufanele olu ncedo lwenkxaso wakuba:

- Ubhalisiwe kwimbango yeenkcukacha zezindlu ezikumasipala wakho okufuphi kuwe.
- Ungummi woMzantsi Afrika okanye unempepha-mvume zokuba ungumhlali osisigxina.
- Uneminyaka eli18 nangaphezulu.
- Utshatile okanye uhlala neqabane.
- Ulisoka okanye uqhawule umtshato kwaye uvunyiweyo ukuba unabantu abaxhomekeke kuwe ngokwasemalini nabahlala nawe isigxina.
- Umvuzo wakho wenyanga uphakathi kwe R1 501 namaR7 500 phambi kokuba kutsalwe.

### 3
### USIFAKA NJANI ISICELO

Hambela umasipala wakho okufutshane kuwe ukuze ufumanise ukuba ingaba zikhona na ezinye iiprojekthi zaMaziko eZindlu kummandla wakho. Ezi zindlu zilawulwa ngaMaziko eZindlu kwaye ukufakwa kwezicelo zezindlu kwenziwa ngqo kwiziko elo.